Isalathiso: 20161103-5842
12/1/3
Imibuzo: LR Abrahams

ISetyhula: 0049/2016
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2017

Iya: KumaSekela Balawuli – Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Kwaziswa izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngezilungiso ezincinane kumaxesha amiselweyo okwamkela abafundi kwizikolo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) nolawulo lwengcaciso engokwamkela kwabafundi ezikolweni ukulungiselela u-**2017/18***.

Isihloko: **Izilungiso kwimihla namaxesha amisiweyo okwamkela abafundi kwizikolo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED)* nolawulo lwengcaciso engokwamkela kwabafundi ezikolweni ukulungiselela u-2017/18.**

1. Uyaziswa ngokwenjenje ngezilungiso ezincinane kwimihla namaxesha amiselweyo okwamkela abafundi ukulungiselela u-**2017/18.**

2. Esi silungiso simele ukufundwa neSetyhula 0040/2016 esebenza kwizicelo ezifunyenwe ngo-**2017** zokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngo-**2018**.

3. Landisiwe ukuya kwi-**03 Juni 2017** ixesha elimisiweyo ukulungiselela izikolo ukuba zazise abazali ngesiphumo sezicelo zabo.

4. Izikolo mazichaze ngokunjalo isiphumo sazo zonke izicelo ezifunyenwe kwi-*School Admissions Management Information (SAMI) system* ungadlulanga owe-**03 Juni 2017**.

5. Kwenziwe esi silungiso ukunika ixesha elingaphezulu lokuba izikolo zisingathe izicelo, ngenxa yokuba zifumana izicelo ezininzi kakhulu.

6. Imihla eseleyo ngokweSetyhula 0040/2016 ihleli ingatshintshanga.

Umsebenzi	**Umhla**
Izikolo zifaka amanani obhaliso acwangcisiweyo kwi-SAMI.	30 Januwari 2017
Kuvuliwe ukwamkelwa kwabafundi (kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo)	06 Februwari 2017
Kuvaliwe ukwamkelwa kwabafundi (kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo)	24 Matshi 2017
Kwaziswa abazali ngeleta ngesiphumo sesicelo	03 Juni 2017
Abazali bangqina ukuyamkela indawo yokufunda	30 Juni 2017
Izikolo zizalisa iindawo ezikhoyo	KwiKota yesi-3 ka-2017

7. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- LJ ELY
INTLOKO EBAMBELEYO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2016-11-18